higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha Lokuqala)

NQF LEVEL 2

(4101222)

5 March 2018 (X-Paper)
09:00–12:00

Eli phepha lemibuzo linamakhasi ali-10.

NCV

IXESHA: 2½ IIYURE
AMANQAKU: 60

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMAHLANU.

   ICANDELO A: 30
   ICANDELO B: 20
   ICANDELO C: 30
   ICANDELO D: 40
   ICANDELO E: 30

2. Phendula yonke imibuzo.

3. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

5. Qwalasela ixesha ekuphenduleni imibuzo.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISIKOLO ABAMNIKA SONA

Unina kaNdodiphela wasebenza bonke ubomi bakhe, efundisa umntwana wakhe. Yafa indoda yakhe imshiya engenayo nento leyo kuba aphile. Yonke imihla, wayevuka kusasa ephangela ezivasini, ukuzenyena nomntwana wakhe, uNdodiphela, balale betyile. Le ntwana yayihamba isikolo ze emva kwemini, iye kuloo dolophana yakowayo kwizingxungxo. Kwathi ke ngoko ngokukhuthala kwayo yada yafumana umsebenzi osisigxina. Kodwa ithe ikuloo msebenzi, ayaneliseka. Yasebenza iminyaka emithathu, yathi iyigqiba yabe seyiziqwebele imali eyaneleyo yokuya esikolweni. Yafika apho esinaleni yazigqiba izifundo zobutitshala kwiminyaka emithathu. Kwabonakala kwangoko ukuba impumelelo seyivele ngeempondo. Kwangoko wafumana isikolo sokufundisa kwilali yaseZindongeni.

Imini yokuqala kweso sixeko yaba yedanisa kunene kuye. Indlu yesikolo yayiyiyo ngosizi, iindonga zidilikile, iifestile zaphuke zonke, ilelo holo-holo lorontawuli linjalo. Abantwana babengafikanga nakumashumi amane. Yayisisikolo setitshala enye, umvuzo uzipoonti ezilithoba ngeenyanga ezintathu kuphela, kuze iiponti ezintandathu ezi zona zihlawulwe ngabantu.

Kwadlula iinyanga ngeenyanga engafumani nepeni. Kambe yayikhona ikomiti yesikolo, kuloko kwakubonakala ukuba owona msebenzi wala maphakathi mnye qwaba- ngulowo wokukhangela indlela indlela aziphethe ngayo utitshala. Ikomiti yayilindele ukuba utitshala makangatshayi, angaseli nakancinci oku, angakhe azichwayitise njengabanye abafana- asisathethi ke ngokukhe alanywe ethetha nokuthetha nentombazana.

USonamzi owayenguMgcini-sihlalo wekomiti wabiza iintlanganiso rhoqo, engxolisa abantu, esithi mabahlawule ititshala. Bamxelela izinto ezimnandi utitshala, besithi ungumntwana wabo, makasebenze aqine angajongi mali yodwa. Ewe, bamxelela ngokuphandle ukuba eso sikolo sesakhe, uyazakhela, siza kukhula sibe sikhulu, kude kufundise nabazukulwana bakhe kuso. La mazwi kweso sithoko-thoko wayekuso, ambhinqisa ngethemba elingummangaliso uNdodiphela, wabopha ibhanti, enyamezele indlala.

Waqala ke wavelisa iindlela ngeendlela zokunyusa isikolo, ezinikele ngomqolo wakhe wonke, ejonge loo mihla izayo. Sabonakala sizala ngabantwana isikolo, kwaqeshwa ezinye iititshala, kwakhiwa izindlu zokufundisela. UNdodiphela neetitshala zakhe bagqiba ilizwe besenza iikonsathi iikonsathi nezinye iindlela zokuqokelela imali. Saqhuba njalo ke isikolo sada safana nesinala ziingxade ezimhlophe nentlaninge yeetitshala, sezihlawulwa ngoku zonke iimali ezinkulu ngendlela yazo nguRhulumente.

[Sicatshulwe kwincwadi *Imbadu* ebhalwe nguG.B. Sinxo, sahlelwa.]

1.1 Ngubani lo kuthethwa ngaye apha? (1)

1.2 Kutheni le nto kwakunzima kumama wakhe? (2)

1.3 Wenza njani akuqonda oku? (2)

1.4 Wancedisana njani uNdodiphela nonina? (2)

1.5 Xela izinto zibe ntathu ezanceda uNdodiphela ukuba akwazi ukuya kufunda esinaleni. (3)

1.6 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokufakela iimpendulo ezichanekileyo:

Wazigqiba … zobutitshala kwiminyaka … (2)

1.7 Wawufumana phi umsebenzi wokufundisa? (1)

1.8 Nika izinto zibe ntathu ezenza ukuba angalonwabeli usuku lwakhe lokuqala esikolweni. (3)

1.9 Xela izinto zibe ntathu ezazigadwe yikomiti (3)

1.10 Wayibizela ntoni intlanganiso uSonamzi? (2)

1.11 Chaza amazwi omeleza uNdodiphela. (3)

1.12 La mazwi athi: 'Indlu yesikolo yayiyiyo ngosizi ...' athetha ukuba

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo

A Yayilusizi
B Yayilibobosi
C ayilixande (1)

1.13 Chaza izinto zibe ntathu ezenzekayo emveni kokuba uNdodiphela ezinikile ekonyuseni isikolo. (3)

1.14 Ucinga ukuba uNdodiphela wayengumntu onjani? Chaza. (2)

[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele:

1. Chonga iingongoma eziphambili ubude bungadluli kuma-70 amagama.

2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.

3. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwa-nkathelo.

Iqumrhu elijongene nokusetyenziswa gwenxa kotywala lidibene neNyandeni Municipality, bafundise ulutsha ngemiphumela yokuzintyintya ngotywala. OkaMsiya uthembise ngelithi bakwiphulo lokuqhubekeka behambisa le mfundiso ngokusebenzisa amaqonga emidlalo neengxoxo-mpikiswano eziqhutywa ngolwimi lwesiXhosa.

Uphefumle wathi uMnu. Msiya, 'Kukho isidingo sokuba abantu abasemaphandleni bafundiswe ngemiba equka ubungozi bokuthuma abantwana kwiindawo zentselo, ukuselela phambi kwabo emakhaya kunye nokungabakhalimeli kwizenzo ezingabathuma. Asinanjongo zokuthi abantwana mabohlukane notywala ngexesha lokufunda, kodwa sineenjongo zokuncothula neengcambu oku.'

'Ngaxeshanye sikhuthaza ukonyuswa kweminyaka eyamkelekileyo yokuthengiselwa kolutsha ukusuka kwishumi elinesibhozo ukuya kumashumi amabini ananye.'

Wongeze ngelithi, 'Kwidabi lokunciphisa ukungakhathali koluntu, saye sanikeza ngomxeba osimahla wokuxela ukuthengiswa gwenxa kotywala, yiyo loo nto siye sifumane iminxeba evela eluntwini. Nangona siyikhupha le nombolo isimahla, abahlali abaninzi abaziva bekhululekile ngokuza ngaphambili baxele ezi zenzo zenzeka phambi kwamehlo abo.' Likhale latsho eli qumrhu.

Abahlali baseLibode bebephume ngobuninzi beyokuzimasa lo msitho kwiholo eLibode Community Hall eginya ikhulu elinamashumi asixhenxe, kodwa bakhwela kumakhulu amathathu abazimasi.

[Sicatshulwe kwiphephandaba 'Isolezwe' le-19 Meyi 2017, sahlelwa.] **[10]**

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C

UMBUZO 3

Bulal'ukufa

Utyhafile? Kunzima ukuphefumla, isikhumba sakho sikuzisela injezu, ulikheswa?

Nabu ubomi!

- Yithi laqa amaqabaza kathathu ngemini.
- Amaqhakuva aphela nya.
- Amandla obanawo ngawe nkab'enkomo.
- Inongwe ngeeVithamini nencindi yekhala.
- Ulinde ni? Yithi tshwa isimehlane sakho epokothweni.

1. Womeleza amajoni omzimba
2. Ngumafinithi wezifo
3. Nguthintela ococa igazi
4. Amathambo ayomelela
5. Amalungu omzimba aba matsha.



Yiba senanini, fumana owona mxube namhlanje. Isisombululo sokwenene!!!
UBulal’ukufa

3.1 Yintoni le ibhengezwayo kulo mfanekiso? (1)

3.2 Ucinga igama layo lichanekile? Chaza. (3)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli:

Lo mfanekiso uveza umba (wezempilo/wezentlalo). (2)

3.4 Xela imisebenzi yoku kubhengezwayo ibe mine. (4)

3.5 Isetyenziswa njani? (2)

3.6 Zeziphi izithakho eziqulethwe koku kubhengezwayo. (2)

3.7 Esi sivakalisi 'Nabu ubomi!' sibhalwe kakhulu, kwenzelwe ntoni oku? (3)

3.8 Kwenzeka ntoni emntwini emveni kokusebenzisa oku? (4)

3.9 Chonga isifanekisozwi kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.10 Zeziphi iingxaki ezinokwenza umntu afune ukuthenga oku kubhengezwayo? (6)

3.11 Bhala isithethantonye seli binzana:

Ikheswa. (1)
[30]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D (UKUSETYENZISWA KOLWIMI)

UMBUZO 4

4.1 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi ngokufakela iimpawu zolwimi:

lulwimi lwantoni olu uluthetha kuzolangubani lo uthi ukuphethe kakubi mntwanandini (7)

4.2 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo-ntetho:

Themba: 'Nomsa ndandingakuxelelanga ngale ngxaki wazifaka kuyo?' (5)

4.3 Bhala intsingiselo yezi zaci/maqhalo angezantsi:

4.3.1 Ukulahlimbo yakho ngophoyiyana.

4.3.2 Ukulala emqokozweni.

4.3.3 Ukuncothula neengcambu.

(3 × 2) (6)

4.4 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha langoku:

Wahamba apho edanile. (2)

4.5 Funda lo mhlathi ulandelayo uze uphendule imibuzo: (2)

Ngentseni yanamhlanje amapolisa adubule indoda yathi khithatha ngaphaya kwesango levenkile. Le ndoda ibizama ukuphanga ivenkile ethengisa ukutya. Isithethi samapoilsa sithe kuye kwanyanzeleka kumiswe zonke iinkqubo zoshishino nabasebenzi bakhutshelwa ngaphandle.

4.5.1 Chonga isifanekisozwi kulo mhlathi. (2)

4.5.2 Bhala isinye sala magama:

(a) Amapolisa

(b) Ukutya

(2 × 2) (4)

4.5.3 Bhala isimelabizo soqobo endaweni yezi zibizo zilandelayo:

(a) Indoda

(b) Ipolisa

(2 × 2) (4)

4.5.4 Bhala izinciphiso zala magama:

(a) Iinkqubo

(b) Ivenkile

(2 × 2) (4)

4.5.5 Nika izichasi zala magama angezantsi:

(a) Ngaphandle

(b) Ngaphaya

(2 × 2) (4)

[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 40

ICANDELO E (UKUSETYENZISWA KOLWIMI)

UMBUZO 5

Ngezantsi yinkcazelo ngodliwano-ndlebe**.**

Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo ngokukhetha impendulo echanekilyo kwizibiyeli.

5.1 Le (yincoko/ngumbuzo) endilisekileyo phakathi kwabantu ababini okanye abaliqela abafuna ulwazi kumntu othile.

5.2 Kufuneka ithathe (abantu/imizuzu) eli-10 ukuya kweli-15.

5.3 (Obuzayo/Othethayo) ubonakalisa imfuno-lwazi.

5.4 Kusetyenziswa ulwimi (lokuhloniphana/lwangasese).

5.5 Umzekelo: (Nkosikazi Jojo/ Phumeza).

5.6 Lufutshane ngokomthamo kufuneka (nilibazise/nikhawulezise).

5.7 Akuvumelekanga ukuba (imibuzo/iimpendulo) zibe ngu-Ewe no-Hayi.

5.8 (Ithoni/ Inkcazelo) ixhomekeke kubudlelwane phakathi kwezithethi.

5.9 (Ukucula/ ukuthetha) ngembeko kufuneka kakhulu.

5.10 Kubakho umntu (obuzayo/ othethayo) nonika iimpendulo.

(10 × 2) **[20]**

UMBUZO 6

Matanisa intetho ekuKholam B, ingqamelane nentetho ekuKholam A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
6.1	Hello, ingaba kukwiZiko lolwazi apho?	A	Inganjani iBotanical Gardens?
6.2	Ndiyinqununu yaseLoyiso Primary School. Siceba ukukhuphela abantwana bethu kwipikniki	B	YiR200 umntu ngamnye ize abantwana besikolo ibe yiR100. Loo ntlawulo idibanisa nemali yokungena
6.3	Singafikelela njani apho? Sinabantwana abangama-20 nootitshala ababini	C	Ibhasi yethu ihlalala abantu abantu abayi-25
6.4	Ingaba ibhasi yenu ilungele ukuthabatha abantu abangama-22?	D	Ningaqesha enye yeebhasi zethu
6.5	Ingayimalini intlawulo?	E	Ewe, ndingakunceda njani mhlekazi?

(5 × 2) **[10]**

AMANQAKU ECANDELO E: 30
AMANQAKU EWONKE: 140

NCV